



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo  
Provinsie van die Oos Kaap: Departement van Onderwys  
Porafensie Ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

# **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2025**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 3 iiyure**

---

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)


QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100  
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- |     |                                                                                            |      |
|-----|--------------------------------------------------------------------------------------------|------|
| 1.1 | Ndisothuka nanamhlanje oku ndakulucinga olo suku                                           | [50] |
| 1.2 | Amava endinawo angabutshintsha ubomi bomnye umntu                                          | [50] |
| 1.3 | Ukungazithembi kuyayibulala impumelelo yekamva lakho                                       | [50] |
| 1.4 | Isiqhelo siyayoyisa ingqondo.                                                              | [50] |
| 1.5 | Ukulunga nokungalungi kweteknoloji kubomi bethu                                            | [50] |
| 1.6 | Ingomso lomntu alixhomekekanga kunamhlanje wakhe                                           | [50] |
| 1.7 | Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. |      |



[Ucatshulwe kwi-intanethi [www.images.com](http://www.images.com)]

[50]

1.8

[Ucatshulwe kwi-intanethi [www.images.com](http://www.images.com)]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho uvelane naye ngentlungu ethe yamehlela. [25]

**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomqeqeshi wezemidlalo kwingingqi yakho. [25]

**2.3 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

ISEbe lezoKhenketho libhengeze isithuba somsebenzi wokunceda abakhenkethi kwiphephandaba.

Thumela isivi neleta eyikhaphayo uzigqatsele eso sithuba.

**ISITHUBA SOKUBA NGUMNCEDI WABAKHENKETHI****IMISEBENZI OZA KUYENZA**

- Ukwamkela iindwendwe.
- Ukwalathisa abakhenkethi indlela.
- Ukunika ulwazi ngeendawo zokhenketho.

**IZIQINISEKISO ZEMFUNDO EZIFUNWAYO**

- Isatifikethi sematriki.
- Idiploma okanye isidanga sezifundo zoKhenketho.
- Isiqinisekiso sokuqhuba inqwelo-mafutha.

**IZAKHONO EZIFUNEKAYO**

- Ukwazi ukuthetha isiXhosa nesiNgesi.
- Ukuthande ukusebenza nabantu.
- Ungabi nangxaki yokusebenza iiyure ezongezelelweyo.

[25]

**2.4 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini emalunga nokunxitywa kwempahla yexabiso kwakunye nezinye iindleko zamalungiselelo etheko lokuthi ndlelantle kubafundi bebanga le-12.

[25]

**2.5 IRIVYU**

Bhala irivyu ngenkqubo yezemfundo edlala kumabonakude encedisa abafundi ngezifundo zebanga leshumi elinesibini.

**[25]****2.6 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ucebise ulutsha ngeendlela zokuzigcina lusempilweni.

**[25]****AMANQAKU ECANDELO B: 50****AMANQAKU EWONKE: 100**